# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS223 & XHS223E

DEGREE SUPPLEMENTARY EXAMINATIONS
JANUARY 2019

.................................................................

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Literature

Marks : 100

This paper consists of 4 pages including the cover.


Internal Examiners

Dr N Z Gxekwa

Dr M Ganiso

Dr. D Spofana

Dr S S Mdaka


## Instructions

Phendula imibuzo ibe Mine.

Uphendula ube Mnye kwicandelo ngalinye.

XHS223 & XHS223E- IsiXhosa Literature
Degree Supplementary Examinations - January 2019

## ICANDELO A

**Umbuzo 1**

**Inzuzo: S E K Mqhayi**

" In the poem " Itshawe laseBritani " in **Inzuzo** the author becomes a gigantic executioner. With the scorpion lash of the most severe allegory ever produced by his pen, he mercilessly flays the prince and all that he symbolizes".

Ngqiyama uqamele ngale ngcamango ingentla uze udandalazise iindlela uMqhayi anyembhenya ngazo unyhwalazo isinyalumani nonyhamnyheko ekwanyanzelwa ngolo ulawulo noqoqosho lwamagwamgqa kweli.

*[25]*

AA! ZWELIYAZUZA!
ITSHAWE LASE BHRITANI

NguMzimbuyaqhum'elokubuliswa;
NguMzimbuyavuth'elomteketisa;
NguZweliyazuz'elibizwa ngasemva
NguTshawuzimiban'elibizwa yiMbongi;
Sinnika!

Phumani nonke nize kufanekisa!
Phumani zizwe nonke nize kufanekisa!
Sisilo sini n'esi singaziwayo?
Singajongekiyo singaqhelekiyo?
Yaz'ithi kanti yile nabulele;
Isilokaz'esikhulu seziziba;
Yaz'ithi kanti ngulo Makhanda-mahlanu,-
Inyok'enkulu eza ngezivuthevuthe;
Yaz'ithi kanti ngulo Gilikankqo,-
Isil'esikhul'esingaziwa mnguxuma.
Le nt'umzimb'uyaqhuma ngathi liziko;
Le nt'umzimb'uyavutha ngathi lidangatye;
Le nt'iqhuqhumb'iintlantsi ngathi nguSindiya-ndiya
Le nt'itshawuz'imibane ngathi sisibhakabhaka;
Sinnika

Yez'inkwenkw'omgqquba yomthonyama!
Yez'ixhom'indwe yaxhom'ugijo;
Yez'ifak'umnzunga yafak'iphunga;
Yez'itsho ngezidanga nezidabane;
Yez'itsho ngobumbenjewu bobuhlalu;
Yez'inobulawu nobuqholo;
Yez'inetyeleba nezifikane;
Yez'inomtho nomthombothi;
Yeza ngobungwe nobungwenyama;
Yeza bugcolocho buchoki-chokozo!
Sinnika Lawundini!

**Umbuzo 2**

(a) Gocagoca lo mbongo ulandelayo uchonge zonke izangotshe zolwimi ezisetyenziswe yimbongi ukuwuqhola. Xa uthe wazichonga izangotshe ezo zolwimi nabisa ukuba zinagalelo lini kumxholo wombongo. **QAPHELA UMBONGO UQHOBOSHELWE!**
(20)

(b) Naba nje kancinci uchaze ukuba yintoni na uhlalutyo lombongo. (5)

*[25]*

**INTLIZIYO NGUMKHOHLISI**

Ungumkhohlisi ntliziyo!
Ungumkhohlisi kwakanye;
Akuzang'uthethe ntonye,
Ungumntu weembaxambaxa,
Unent'apha yesazela,
Ukwanako nokuzidla.

Ungumkhohlisi ntliziyo!
Abant'ab'ubagqibile,
Ubashiyise iindawo;
Balahl'amakhaya abo,
Wabashiya eBhakubha!
Kwilizwe lakwaMtulwana.

Ungumkhohlisi ntliziyo!
Akwazani nanyaniso;
Kad'uxok'amaxhego,
Kunye namaxhegwazana;
Uthi, "Nisengumlisela,
Nomthinjazan'ozibhungu."

Ungumkhohlisi ntliziyo!
Ungumfo wokuxelelwa;
Kad'uqengqa izigede,
Kad'uphalaz'iinyembezi
Uhamba nje uneemfele;
Nezigcume zamangcwaba.

(20)

*[25*

## ICANDELO B

**Umbuzo 3**

**3.1 UNgodongwana : P.M Ntloko**

Xoxa ngobuchule umbhali athe wabuveza kule ncwadi obufundisa isizwe ukuba xa uthe wenzela omnye umntu iyelenqe liyakwazi ukukujikela. Yitsho kuvokotheke uvelela nkalo zonke.

*[25]*

OKANYE

**3.2 Emgxobhozweni : B.B. Mkonto**

Bonakalisa indlela umbhali aziphumelele ngayo iimpawu ze drama kule ncwadi yakhe ingentla.

**[25]**

OKANYE

**Umbuzo 4**

**4.1Buzani kuBawo : W.K.Tamsanqa**

Xoxa ngeziphumo uTamsanqa aye wazivelela ekubonakaliseni ukungahlonitshwa kwamalungelo abantwana ngabazali babo. Uze unike imizekelo yengxoxo yakho kule ncwadi.

*[25]*

OKANYE

**Inene Nasi Isibhozo: Mtingane**

UMaSukude ungumlinganiswa ongucalanye. Uyavuma okanye uyalandula? Xhasa impendulo yakho ngokuthi ubonise amatatiyanqo namatiletile athe wawenza apha kulo mdlalo kaMtingane othi "Inene nasi isibhozo".

*[25]*

## ICANDELO C

**Umbuzo 5**

**5.1 UDon Jadu: S.E.K Mqhayi**

UDon Jadu wayitshintsha njani intlalo yabantu awayeghithe kubo kuhambo lwakhe? Yayinjani imeko yaba bantu? Wayitshintha njani uDon Jadu? Chaza, wandule ukuxhasa uluvo lwakho ngokucaphula encwadini . **[25]**

**OKANYE**

**5.2 UDon Jadu: S.E.K Mqhayi**

Phakula uphindelela kule ncwadi uqaqambise isakhono salo mbali ekwambathiseni inkcubeko yakwaXhosa endulo ngesihomo nobuhandiba .

*[25]*

**Umbuzo 6**

**6.1 Elundini LoThukela: J J R Jolobe**

Xoxa ngesimbo nolwimi lukaJolobe kwincwadi yakhe: Elundini Lothukela phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Imo yentlalo
- Ubuchule bokubhala. *[25]*

**OKANYE**

**6.2 Ingqumbo Yeminyanya: A.C. Jordan**

Xoxa ngabalinganiswa abawuxhokonxa ngokukuko umxholo xa kuxoxwa imicamango entsonkothileyo kule ncwadi, Ingqumbo Yeminyanya.

*[25]*

## ICANDELO D

**Umbuzo 7**

**7.1 Imitha Yelanga: W.K Thamsanqa**

(a) Tyumba i-eseyi enesihloko esingqinelana nesihloko sale ncwadi ithi "Imitha Yelanga" Yaye ubonakalise okokuba kutheni usithi iyahambelana nesihloko sencwadi. (15)

(b) Chonga i-eseyi ibenye eviwa ngumxhelo wakho utyatyadule ngeempawu ezisetyenziswe ngumbhali. (10)

*[25]*

**OKANYE**

**7.2 Loo mhla zibuyayo: P T Mtuze**

Uncwadi lusisipili sentlalo eyinyani. Kawuthi gqabagqaba ngebali elithi "IPATI YOONOTEKSI" kule ncwadi uthelekise nje jikelele okudla ngokwenzeka phakathi koonoteksi kwintlalo eyinyani.

*[25]*

**OKANYE**

**Umbuzo 8**

**UGeme: Mjamba no P T Mtuze**

Chonga ilivo elithandwa nguwe kwincwadi kaMjamba noMtuze ethi, "UGeme" uxoxe kuvokotheke ngomxholo walo. [25]